UNyana Wesithembiso

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Le Veki: *Isa. 2:2, 3; Heb. 1:1–4; Eks. 24:16, 17; Isa. 44:24; Heb. 1:10; Luka 1:31, 32; Heb. 1:5.*

Indima Yenkumbulo: **"Kodwa ke kula maxesha okugqibela uthethe nathi ngoNyana wakhe. UThixo wammisela ukuba abe yindlalifa yezinto zonke, kwaye futhi ihlabathi liphela walidala ngaye. Ewe, uNyana lo uphuhlisa ubungangalala bukaThixo, ibe ke yena noThixo bangumceph' ucandiwe"** *(Hebhere 1:2, 3, IBHAYIBHILE)***.**

Kanye emva kokuba uAdam noEva bonile, uThixo wabathembisa nge"mbewu" uNyana owayeya kubahlangula elutshabeni, abuyise ilifa elalilahlekile, aze ayizalisekise injongo abadalelwa yona *(Gen. 3:15)*. Lo Nyana wayeza kubamela abahlangule ngokuthabatha indawo yabo, ekugqibeleni, atshabalalise inyoka.

Ukuqala ukusiva kuka-Adam noEva isithembiso, balindela ukuzaliseka kwaso okukhawulezileyo. Bamamkela ngovuyo unyana wabo wamazibulo, benethemba lokuba unokuba unguMkhululi. Noko kunjalo, ukuzaliseka kwesithembiso kwalibala."—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, iph. 31. Izithembiso saqinisekiswa kamva kuAbraham. UThixo wafunga kuye ukuba uya kuba "nembewu," uNyana ekuya kuthi ngaye zonke izizwe zomhlaba zisikeleleke *(Gen. 22:16–18, Gal. 3:16)*. UThixo wenza okufanayo nakuDavide. Wamthembisa uDavide ukuba unyana wakhe wayeya kwamkelwa nguThixo njengowaKhe uNyana aze amiselwe abe ngumlawuli olilungisa phezu kwabo bonke ooKumkani bomhlaba *(2 Sam. 7:12–14, INd. 89:27–29)*. Into engazange ifike ezingqondweni, kuAdam noEva, kuAbraham, okanye uDavide, phofu, yeyokuba uMhlanguli wabo wayeza kuba nguThixo ngokwaKhe.

**Funda isifundo sale veki ulungiselela iSabatha kaJanuwari 15.*

Ngale Mihla Yokugqibela

Kwindawo yokuqala amaHebhere aveza ukuba uPawulos wayekholwa ukuba wayephila kwi“mihla yokugqibela isiBhalo sisebenzisa iintetho ezimbini ezineentsingiselo ezahlukeneyo ngexesha elizayo. Abaprofeti babesebenzisa intetho “imihla yokugqibela” okanye “imihla yamva” ukuthetha ngexesha elizayo jikelele *(umzekelo: Dut. 4:30, 31; Yer. 23:20)*. Umprofeti uDaniyeli wasebenzisa intetho yesibini, “ixesha lesiphelo,” ukuthetha ngokucacileyo ngemihla yokugqibela yembali yomhlaba *(Dan. 8:17, Dan. 12:4)*.

Funda: Numeri 24:14–19 noIsaya 2:2, 3. UThixo wathembisa ukuba uyakubenzela ntoni abantu “ngemihla yokugqibela”?

_____

_____

_____

Iqela labaprofeti beTestamente eNdala bavakalisa ukuba “ngemihla yamva” uThixo uya kuvusa ukumkani oya kutshabalalisa iintshaba zabantu baKhe *(umzekelo: Num. 24:14–19)* noya kutsalela izizwe kuIsrayeli *(umz.: Isa. 2:2, 3)*. UPawulos uthi ezi zithembiso zazaliseka kuYesu. UYesu wamoyisa uSathana waza wazitsalela kuYe zonke izizwe *(Kolose 2:15, Yohane 12:32)*. Ngolu hlobo, ke ngoko, “imihla yokugqibela” iqalile kuba uYesu uzizalisekisile izithembiso zikaThixo.

Oobawo bethu basemoyeni bafa bekholwa. Bazibona bazibulisa izithembiso “zikude,” kodwa abazizuza. Thina, kwelinye icala, sikubonile ukuzaliseka [kwazo] kuYesu.

Makhe sicinge okomzuzu ngezithembiso zikaThixo noYesu. UBawo wathembisa ukuba uya kubavusa abantwana baKhe *(1 Tes. 4:15, 16)*. Iindaba ezimangalisayo zezokuba wahamba phambili ekuvuseni abantwana baKhe ngokuvusa uYesu *(1 Kor. 15:20, Mat. 27:51–53)*. UBawo wakwathembisa nendalo entsha *(Isa. 65:17)*. Uqalisile ukusizalisekisa eso sithembiso ngokudala ubomi obutsha basemoyeni ngaphakathi kwethu *(2 Kor. 5:17, Gal. 6:15*). Wathembisa ukuba uya kumisa ubukumkani baKhe bokugqibela *(Dan. 2:44)*. Wabumisela obo bukumkani ngokusihlangula kwigunya likaSathana nangokumisela uYesu abe ngumlawuli wethu *(Mat. 12:28–30, Luka 10:18–20)*. Phofu, esi ise sisiqalo nje. Akuqalileyo uBawo ukukwenza ekufikeni kukaYesu kokuqala, uya kukufeza kokwesibini.

Khangela kuzo zonke izithembiso uThixo awazizalisekisayo kwixesha eladlulayo. Kumele ukusinceda njani oku ukuba simthembe ngezithembiso ezingekazaliseki?

_____

UThixo Uthethe Kuthi NgoNyana WaKhe

Funda: **Hebhere 1:1–4. Yeyiphi eyona ngcamango ephambili yezi ndima?**

_____

_____

AmaHebhere 1:1–4 kuphela kwesivisa-ngcinga esinye esiphuma kwisiGrike sentsusa, kwaye kukade kuxoxwa kusithiwa sesona sihle kakhulu kuyo yonke iTestamente eNtsha xa kujongwa umzobo wentetho yaso. Eyona nto iphambili esiyithethayo yeyokuba uThixo uthethe nathi ngoNyana waKhe uYesu.

KumaYuda, kwinkulungwane yokuqala A.D., igama likaThixo lalingazanga laviwa isithuba sexesha elide. Isityhilelo sokugqibela eliZwini eliBhaliweyo likaThixo sabakho ngomprofeti uMalaki nolungiselelo lukaEzra noNehemiya kwiinkulungwane ezine ngaphambili. Kanti ke ngoku, ngoYesu, uThixo wayethetha nabo kwakhona.

Isityhilelo sikaThixo ngoYesu, phofu, sasingaphezulu kwisityhilelo awasenzayo uThixo ngabaprofeti kuba uYesu uyindlela enkulu kakhulu yesityhilelo. UnguThixo ngokwaKhe, owadala izulu nomhlaba nolawula indalo yonke. KuPawulos, ubuThixo bukaKristu abuzange buthandabuzeke. Buyinto yonke engakhiwa enkqayini.

Kwakhona, kuPawulos, iTestamente eNdala yayililiZwi likaThixo. Kwayena uThixo owathetha kwixesha eladlulayo uyaqhubeka ethetha kwixesha langoku. ITestamente eNdala yathetha ngolwazi oluyinyaniso lwentando kaThixo.

Phofu ke, kwakunokwenzeka ukuqonda intsingiselo ezele kakhulu kuphela xa uNyana efikile emhlabeni. Engqondweni yombhali, isityhilelo sikaYise kuNyana sanika isitshixo sokubuqonda ububanzi obuyinene beTestamente eNdala, kanye njengomfanekiso obekwe kwibhokisi ye“jigsaw puzzle” ukuze kufumaneke indawo eyiyo yamaqhekezana wayo. UYesu wazisa ukukhanya [okanye ukwaziwa] okuninzi kakhulu kokukwiTestamente eNdala.

Kwangeli xesha linye, uYesu weza ukuba abe nguMmeli noMsindisi wethu. Wayeza kuthabatha indawo yethu ekulweni aze ayoyise inyoka. Ngokufanayo, kumaHebhere, uYesu ungu“vulindlela” okanye “umphathi” okanye “ohamba phambili” kwabakholwayo *(Heb. 2:10, Heb. 6:20)*. Ulwela thina, ekwamele thina. Oku kukwathetha ukuba oko uThixo wakwenzela uYesu, uMmeli wethu, uYise ukwafuna ukukwenzela thina. Lowo wamphakamisayo uYesu wambeka ngasekunene kwaKhe ukwafuna ukuba nathi sihlale noYesu etroneni yaKhe *(IsiTy. 3:21)*. Isigidimi sikaThixo esiza kuthi ngoYesu asanele nje ukuquka oko uYesu wakuthethayo kodwa noko uYise wakwenzayo ngaYe [uYesu] nakuYe, konke kuyinzuzo yethutyana esinalo nonaphakade.

Cinga ukuba kuthetha ukuthini ukuthi uYesu—Thixo—weza kulo mhlaba. Kutheni le nto le nyaniso ifanele ukusiphathela ithemba elikhulu?

_____

Ulubengezelo Lobuqaqawuli BukaThixo

Funda: Hebhere 1:2–4. Zeziphi ezinye zezinto le ndawo esifundisa ngazo ngoYesu?

_____

_____

Kwesi siqendu, siza kuqwalasela kwindawo ethi, “Ulubengezelo lobuqaqawuli bukaThixo nokuba ufana twatse nendalo yaKhe” *(Heb. 1:3, ESV)*.

Funda: Eksodus 24:16, 17; INdumiso 4:6; INdumiso 36:9; neINdumiso 89:15. Zisinceda njani ezi ndima ukuba sibuqonde ukuba buyintoni ubuqaqawuli bukaThixo?

_____

_____

KwiTestamente eNdala, ubuqaqawuli bukaThixo bubhekisa kubukho baKhe obubonakalayo phakathi kwabantu baKhe *(Eks. 16:7; Eks. 24:16, 17; Lev. 9:23; Num. 14:10)*. Obu bukho bukholisa ukwayanyaniswa nokukhanya okanye nokubengezela.

IsiBhalo sisichazela ukuba uYesu ukukukhanya okweza kulo mhlaba ukuza kutyhila ubuqaqawuli bukaThixo *(Heb. 1:3; Yohane 1:6–9, 14–18; 2 Kor. 4:6)*. Cinga, umzekelo, ngendlela uYesu awabonakala ngayo ekwenziweni kumila kumbi. “Wenziwa waba kumila kumbi phambi kwabo, bathi ubuso bakhe bakhazimla njengelanga, zasuka iingubo zakhe zamhlophe njengokukhanya” *(Mat. 17:2)*.

Kanye njengoko ilanga lingenakho ukuqondwa ngaphandle kokubengezela kokukhanya kwalo, uThixo waziwa ngoYesu. Kule ndawo sikuyo, aba babini bangomnye. Kuba ubuqaqawuli bukaThixo bukukukhanya ngokwako, akukho kwahluka, ukuthi ngubani othile, phakathi kukaThixo noYesu, njengoko kungekho kwahluka phakathi kokukhanya nokubengezela kwako.

AmaHebhere akwatsho ukuthi uYesu “ungummeli ofana twatse” noko uYise akuko *(Heb. 1:3, NASB)*. Into ethethwa ngulo mfanekiso ithi, kukho ukuhambelana okugqibeleleyo kubuqu—okanye kwimo —phakathi kukaYise noNyana. Qaphela ukuba abantu banomfanekiselo kaThixo kodwa hayi imo *(Gen. 1:26)*. UNyana, Yena, unemo enye noYise. Akumangalisi ukuba uYesu wathi, “ ‘Lowo undibonileyo umbonile uBawo’ ” *(Yohane 14:9,)*.

Kutheni le nto izindaba ezinkulu ukuba uYesu watyhila isimilo nobuqaqawuli bukaYise kuthi? Usixelela ntoni uYesu ngoko akuko uYise?

_____

Ngaye Wayenza Indalo Yonke

AmaHebhere aqinisekisa ukuba uThixo wawudala umhlaba "ngo"Yesu nokuba uYesu uwuxhasile umhlaba ngelizwi laKhe elinamandla.

Funda: Isaya 44:24, Isaya 45:18, noNehemiya 9:6. Ngenxa yokuba iTestamente eNdala yaqinisekisa ukuba wadala umhlaba "eyedwa" nokuba unguThixo "ekuphela kwaKhe," singasihlanganisa njani esi siqinisekiso neziqinisekiso ezikwiTestamente eNtsha zokuba uThixo wadala indalo yonke "ngo"Yesu *(Heb. 1:2, 3)***?**

_____

_____

_____

Abanye bacinga ukuba uYesu wayesisixhobo awadala ngaso uThixo. Ayikwazi ukwenzeka loo nto. Kuqala, kuPawulos, uYesu uyiNkosi eyadala umhlaba; wayengenguye umncedi. AmaHebhere 1:10 athi uYesu uyiNkosi eyadala umhlaba namazulu, abe uPawulos esebenzisa kuYe oko INdumiso 102:25–27 ikuthethayo ngeNkosi (Yahweh) njengoMdali. Okwesibini, amaHebhere 2:10 axela ukuba indalo yonke yadalwa "ngu" okanye "ngo" Yise. (intetho enye ngqo naleyo isetyenziswe kuYesu kumaHebhere 1:2.) UYise wadala noYesu wadala *(Heb. 1:2, 10; Heb. 2:10)*. Kukho ukuvumelana okugqibeleleyo phakathi kukaYise noNyana kwinjongo nasekwenzeni. Le yinxalenye yemfihlelo yeTriniti. uYesu wadala noThixo wadala, kodwa mnye uMdali, uThixo—nto leyo ethetha ukuba uYesu unguThixo.

Kwangeli xesha linye, amaHebhere 4:13 abonisa ukuba uYesu ukwanguMgwebi. Igunya laKhe lokulawula nokugweba liphuma kwinyaniso yokuba uThixo wadala zonke izinto kwaye exhasa indalo yonke *(Isa. 44:24–28)*.

AmaHebhere 1:3 nomaKolose 1:17 aqinisekisa ukuba uYesu ukwayixhasa indalo yonke. Esi senzo sokuxhasa sinokuba siquka ingcamango yokukhokela okanye ulawulo. Igama lesiGrike *upheron* (ukuxhasa, ukuthwala) lisetyenziswa ukuchaza umoya oqhuba umkhombe *(IZenzo 27:15, 17)* okanye uThixo ekhokela abaprofeti *(2 Pet. 1:21)*. Kungoko, ngeyona ndlela eyiyo, uYesu enganeli kusidala kodwa ekwasixhasa, kanjalo. Wonke umphefumlo, konke ukubetha kwentliziyo, wonke umzuzu wobukho bethu kufunyanwa kuYe, uYesu, isiseko sabo bonke ubukho bendalo.

Khangela IZenzo 17:28. Ithini kuthi ngoYesu namandla waKhe? Cinga kwakhona ngokuthethwa kwangalo Yesu esifa emnqamlezweni ngenxa yezono zethu. Isifundisa ntoni le nyaniso ngesimilo sokuzilandula kweNkosi yethu?

_____

Namhla Ndikuzele

AmaHebhere 1:5 abika la mazwi alandelayo kaYise kuYesu: "'UnguNyana wam wena, mna ndikuzele namhla' ". Kuthetha ukuthini ukuthi uYesu "wazalwa," kube kwenzeka nini oku? Ingaba oku akubonisi ukuba uYesu ngandlela ithile wadalwa nguThixo kude le kwixesha eladlulayo, ngokokukholwa kwabaninzi?

Funda: Hebhere 1:5; 2 Samuweli 7:12–14; INdumiso 2:7; noLuka 1:31, 32. Sithini isithembiso kuDavide uPawulos awayesibhekisa kuYesu kwincwadi yamaHebhere?

_____

_____

_____

UYesu wazalwa ngale ndlela yokwamkelwa nguThixo *njengomlawuli wesithembiso*, unyana kaDavide. Imbono yokwamkelwa komlawuli nguThixo yayiqhelekile kwihlabathi lobuGrike-Roma nasempuma. Yayimenza umlawuli ukuba abe ngosemthethweni nonegunya kumhlaba awulawulayo.

UThixo wamthembisa uDavide, phofu, ukuba uNyana wakhe wayeya kuba ngumlawuli wezizwe osemthethweni. Wayeza "kumamkela" unyana kaDavide njengoNyana waKhe. Ngale ndlela ukumkani ophuma kuDavide wayeza kuba ngummeli kaThixo nendlalifa yaKhe. UThixo wayeza koyisa iintshaba zaKhe aze amnike izizwe njengelifa laKhe *(INd. 89:27; INd. 2:7, 8)*.

Njengoko sinokufunda kumaRoma 1:3, 4 neIZenzo 13:32, 33, uYesu wakubhengeza ekuhleni ukuba unguNyana kaThixo. Ukubhaptizwa kukaYesu nokwenziwa kumila kumbi kwakungamaxesha xa uThixo wayemphawula waza wavakalisa ukuba uYesu unguNyana waKhe *(Mat. 3:17, Mat. 17:5)*.

Kanti ke, ngokweTestamente eNtsha, uYesu waba ngu"Nyana kaThixo ngegunya" xa wayevuswa ekufeni waza wahlaliswa ngasekunene kuThixo. Kwaba ngelo xesha awathi uThixo wazalisekisa isithembiso saKhe kuDavide sokuba unyana wakhe uya kwamkelwa njengowaKhe uNyana netrone yaKhe phezu kwezizwe imiselwe ngonaphakade *(2 Sam. 7:12–14)*.

Ngenxa yoko, uKesare (umfuziselo weRoma) wayengenguye ngokusemthethweni "unyana kathixo," umlawuli wezizwe. Endaweni yoko, uYesu Kristu waba nguye. "Ukuzalwa" kukaYesu kubhekisa kulawulo lukaYesu phezu kwezizwe, hayi ekuqalekeni kobukho baKhe, kuba uYesu wayekade ehleli ekho. Alikho ixesha apho uYesu engazange wakho, kuba unguThixo.

Kakuhle, amaHebhere 7:3 athi, uYesu akanaso "isiqalo semihla engenaso nesiphelo sobomi" *(thelekisa noHeb. 13:8)* kuba ungunaphakade. Ngoko ke, ingcamango kaYesu "okuphela konyana ozelweyo" nguThixo ayithethi ngendalo kaKristu njengoThixo kodwa ngendawo ayidlalileyo kwicebo losindiso, njengoko uKristu wazalisekisa zonke izithembiso zomnqophiso.

Ingcamango Eyongeziweyo: Ukuza kukaYesu kulo mhlaba njengoNyana kaThixo kwazalisekisa imisebenzi eliqela ngexesha elinye. Kwindawo yokuqala, njengoNyana Ongcwele kaThixo, uYesu weza kutyhila uYise kuthi. Ngezenzo zaKhe namazwi waKhe, uYesu wasibonisa ukuba uYise ngokwenene unjani nokuba kutheni sinokumthemba simthobele?

Kwakhona uYesu weza njengoNyana wesithembiso kaDavide, ka-Abraham, noAdam, awayethembise ngaye uThixo ukuba uya kuloyisa utshaba awulawule umhlaba. Ngoko ke, uYesu weza kuthabatha indawo ka-Adam njengentloko yoluntu azalisekise injongo yantlandlolo awayenayo uThixo ngabo *(Gen. 1:26–28, INd. 8:3–8)*. UYesu weza ukuze abe ngumlawuli olilungisa awayekade uThixo efuna ukuba lo mhlaba ube naye.

Ilizwi elathethwa kuYesu eYordan, "Lo nguNyana wam oyintanda, endikholisiweyo nguye," lalihlanganisa lonke uluntu. UThixo wabhekisa kuYesu njengommeli wethu. Sesinazo zonke izono zethu nobuthakathaka, asilahlelwanga ecaleni njengabangenaxabiso. "Wasibabala ngalo sikuye Othandiweyo." Efese 1:6. Ubuqaqawuli obahlala phezu kukaKristu busisibhambathiso sothando lukaThixo kuthi. . . . Ukukhanya okwawa kuphuma kumasango avuliweyo phezu kwentloko yoMsindisi, kuya kuwa phezu kwethu xa sithandazela uncedo lokumelana nesihendo. Ilizwi elathetha kuYesu lisithi kuwo wonke umphefumlo oguqukayo, 'Lo ngumntwana wam oyintanda, endikholisiweyo nguye'—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, iph. 113.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1 Sifunde ukuba ukuwazi kakuhle amazwi nezenzo zikaYesu kusinceda ukuba simqonde uThixo, uYise ngcono. Zeziphi iindlela eziphathekayo ekunokuthi ukumqonda kakuhle uYesu kulutyebise ulwalamano lwethu noThixo, uYise?

2 Sifunde ukuba indlela uThixo awathetha ngayo nawamphatha ngayo uYesu yindlela afuna ukuthetha nathi nokusiphatha ngayo. Kusixelela ntoni oko ngendlela nathi esifanele ukuphatha abanye ngayo?

3 Khaniqwalasele ekubalulekeni kokuba nguThixo ngonaphakade kukaKristu. Silahlekelwa yintoni xa sikholwa ukuba uYesu ngandlela ithile wayesisidalwa, njengathi, kodwa waya emnqamlezweni?

4 Eklasini, thethani ngokunika uzuko kuThixo. Fundani: IsiTyhilelo 14:7. Ukunika uzuko uThixo kuyinxalenye njani yenyaniso yeli xesha kunye nezigidimi zeengelosi ezintathu?